



It starts with a story...

## Stock up on reading resources!

**Children learn to read by reading! Once the seed of reading has been planted, you need to keep nurturing it so that their love of reading grows stronger. This means making sure that your reading club has lots of interesting things that children will love to read. Here are some ideas to help you do this.**

- Buy books.** Organise events, like a braai or cake sale, to raise money to buy books for your club. Then, look for cheaper books at bargain bookshops, second-hand bookshops and charity book sales.
- Borrow books.** Your public or school library is a great source of free reading material. Get all your reading club members and volunteers to join up so that you can borrow lots of different books. Look for books in the languages of your members and ask the librarian to order some, if necessary.
- Get books as gifts.** Ask club members and everyone you know to donate a book to your club on their birthday.
- Find book donors.** Look for organisations that donate children's books in different languages. Also ask all the schools in your area to collect books for your club. Remember to make sure that all donated books are appropriate for your members.
- Swap books.** Link up with other reading clubs you know and arrange to exchange books with them for a while.
- Make books and story cards.** Create your own bilingual books using the mini-book pages in the *Nalibali* newspaper supplements. Cut out the longer stories in the "Story corner" section. Many of these are in two parts. Paste each part onto either side of an A4 sheet of cardboard. Cover this with plastic or place it in a plastic sleeve.
- Become story writers.** Write your own stories for and with children. Children are a talking, living resource, with their own rich stories just waiting to be told, written down and read.
- Be story miners.** Look for stories in newspapers and magazines that you think would interest members of your reading club. Cut them out and use them to create story cards.



## Zenzele uvimba wezixhobo zokufunda!

**Abantwana bafunda ukufunda okubhaliweyo ngokufunda! Nje ukuba imbewu yokufunda ityalwe, kufuneka usoloko uyinkcenkeshela ukuze uthando lwabo lokufunda lukhule kwaye lomelele. Oku kuthetha ukuqinisekisa ukuba iklabhu yokufunda yenu ineencwadi ezininzi ezinomdla abantwana abayakuthanda ukuzifunda. Nazi ezinye iingcebiso ezinokukunceda wenze oku.**

- Thenga iincwadi.** Ququzelela iziyunguma ezifana nebrayi okanye uthengise iikekiki, ngeenjongo zokwenyusa ingxowamali yokuthenga iincwadi zeklabhu yakho. Emva koko ke, jonga iincwadi ezifikelelekayo kwiivenkile ezinamaxabiso aphantsi, iivenkile ezithengisa iincwadi esele zisetyenzisiwe kunye nakwiintengiso-zincwadi eziqhutywa yimibutho yesisa.
- Boleka iincwadi.** Ithala lakho leencwadi lasekuhlaleni okanye lasesikolweni ngumthombo obalulekileyo wokufundwayo kwasimahla. Thetha nawo onke amalungu namavolontiya eklabhu yokufunda yakho ukuba babhalisele ubulungu kwithala leencwadi ukuze nikwazi ukuboleka iincwadi ezininzi ezahlukileyo. Khangela iincwadi ezibhalwe ngeelwimi zamalungu eklabhu yokufunda yakho ucele nosothala ukuba anenzele isicelo sokuthengelwa ezinye, ukuba oko kuyimfuneko.
- Fumana izipho eziziincwadi.** Cela amalungu eklabhu yokufunda yakho ukuba elowo azise isipho esiyincwadi kwiklabhu yokufunda ngosuku lwakhe lokuzalwa.

- Fumana abantu abazakukupha iincwadi.** Khangela imibutho ephisa ngeencwadi zabantwana ezibhalwe ngeelwimi ezohlukileyo. Kwakhona, cela izikolo ezikummandla wakho ukuba ziqokelelele iklabhu yokufunda yakho iincwadi. Khumbula ukuqinisekisa ukuba zonke iincwadi oziphiweyo ziwafanele amalungu eklabhu yakho.
- Tshintshiselanani ngeencwadi.** Qhagamshelana nezinye iiklabhu zokufunda ozaziyo wenze amalungiselelo okutshintshiselana ngeencwadi okwethutyana.
- Yenza iincwadi namakhadi amabali.** Zenzele ezakho iincwadi zeelwimi ezimbini ngokusebenzisa amaphepha encwadana encinane ephuma kwiphephandaba elinohlelo *IweNalibali*. Sika, ukhuphe amabali amade kwicandelo elibizwa ngokuthi "Indawo yamabali". Amabali amaninzi kula aziinxalenye ezimbini. Ncamathisela inxalenye nganye kwicala ngalinye loxwebhu lwekhadi bhodi elibukhulu bungu-A4. Likhavarishe ngeplastiki okanye ulifake kwisingxobo seplastiki ukuligcina.
- Yiba ngumbhali wamabali.** Bhalela abantwana bakho amabali, amanye kuwo uwabhala kunye nabo. Abantwana bangumthombo othethayo nophilayo, banamabali abo anobutyebi alindele nje ukubaliswa, ukubhalwa kunye nokufundwa.
- Yiba ngumzingeli wamabali.** Khangela amabali ocinga ukuba anganomdla kumalungu eklabhu yokufunda yakho kumaphephandaba nemagazini. Wasike uze uwasebenzisele ukwenza amakhadi amabali.

For more information on how to get books for your club go to [www.nalibali.org](http://www.nalibali.org). Visit our Recommended Reads section to find out about books suitable for different age groups and on different topics.



Ukuba ufuna iinkcukacha ezithe vetshe ngokufumanela iklabhu yokufunda yakho iincwadi yiya ku-[www.nalibali.org](http://www.nalibali.org). Ndwendwela icandelo elibizwa ngokuthi "iincwadi ezicetyiswa ukuba ungazifunda" ukuze ufumanise malunga neencwadi ezilungele amaqela ohluke ngokobudala kwanezihloko ezohlukileyo.



Drive your  
imagination

Read to me. Never too early.  
Never too late.  
Ndifundele. Awukashiywa lixesha.  
Lingasoze likushiye.





# Making history with Na'ibali!

**This year Na'ibali celebrated World Read Aloud Day at two events held in Cape Town for almost 400 children.**

We invited children from four reading clubs in Khayelitsha that are part of the Na'ibali network – Injongo Silukhanyo Reading Club, Chumisa Reading Club, Sophazi Reading Club, Silukhanyo Reading Club – as well as children from the Philani Development and Sikhula Sonke Early Childhood Development Centres to join us at an event at the Harare Library on Saturday 2 March, to say thank you for their commitment to growing reading for pleasure.

Then on 6 March, children from the Young Authors' Club and Kannemeyer Reading Club, joined other children at Central Library for a read-aloud session with award-winning South African author, Niki Daly, who read the story *A gold star and a kiss for Thoko* he had specially written and illustrated for World Read Aloud Day 2013. In fact, lots of other children in South Africa got to hear the story being read to them too – during the first week of March, 13 401 children listened to this story, making this South Africa's largest World Read Aloud Day celebration ever!



Children showing whether they are members of the library

# Yenza imbali nabakwaNa'ibali!


**Kulo nyaka uhlelo lweNa'ibali lubhiyozele uSuku lweHlabathi lokuFunda ngokuVakalayo kwimicimbi emibini ebe ibanjelwe eKapa kunye nabantwana abangama-400.**

Samema abantwana abaphuma kwiiklabhu zokufunda ezine eKhayelitsha eziyinxalenye yonxibelelwano lweNa'ibali ezizezi – i-Injongo Silukhanyo Reading Club, iChumisa Reading Club, iSophazi Reading Club kunye neSilukhanyo Reading Club - kwakunye nabantwana abavela ePhilani Development Centre naseSikhula Sonke Early Childhood Development Centre ukuba bazibandakanye nathi kulo mbhiyozo kwithala leencwadi laseHarare ngoMgqibelo umhla we-2 kweyoKwindla, ukuze sibabulele ngokuzinikela kwabo ekukhuthazeni ukufundela ukuzonwabisa.

Kuthe ke ngomhla we-6 kweyoKwindla, abantwana abavela kwiYoung Authors' Club naseKannemeyer Reading Club, bazibandakanya nabanye abantwana kwithala leencwadi iCentral ukuze bafumane ithuba lokufunda ngokuvakalayo bekunye nembalasangane yombhali waseMzantsi Afrika nokwaphumelele iimbasa, uNiki Daly, owathi wafunda ibali elisihloko sithi *Inkwenkwezi yegolide nokuphuzwa kukaThoko*, bali elo awalibhala walizobela nemifanekiso ngokukodwa elenzela uSuku lweHlabathi lokuFunda ngokuVakalayo lowama-2013. Eneneni, abantwana abaninzi baseMzantsi Afrika baliphulaphula elo bali belifundelwa – kwiveki yokuqala kweyoKwindla, abantwana abangama-13 401 baphulaphula eli bali, kwaze oko kwawenza lo mbhiyozo waba ngowona mbhiyozo mkhulu woSuku lweHlabathi lokuFunda ngokuVakalayo!



Niki Daly reading his story




Listening to stories at Harare Library

[www.nalibali.org](http://www.nalibali.org)



## Create your own mini-book Zenzele eyakho incwadana encinane

- |   |   |
|---|---|
| 1. Take out pages 3 to 6 of this supplement.    | 1. Thabatha amaphepha ama-3 ukuya kwisi-6 kolu hlelo. |
| 2. Fold it in half along the black dotted line. | 2. Wasonge esiphakathini kumgca wamachaphaza amnyama. |
| 3. Fold it in half again.                       | 3. Phinda uwasonge esiphakathini kwakhona.            |
| 4. Cut along the red dotted lines.              | 4. Sika kwimigca yamachaphaza abomvu.                 |





Dangos lay still. She didn't want to do anything at all. Udangos walala ethhe cwaka. Wayengatuni kwen-za nto konke.

On Thursday, Aunty went to the clinic. She came back with some special medicine for Dangos. Ngolwesine, uanti waya ekliniki. Wabuya neyeza ellidwa likadangos.



We publish what we like

This is an adapted version of *Oh no!*, published by Jacana Media and available in bookstores and on-line from [www.jacana.co.za](http://www.jacana.co.za). This story is also available in isiZulu, isiXhosa, Afrikaans, Siswati, Sepedi, Sesotho, Setswana, Xitsonga, Tshivenda and isiNdebele. Jacana publishes books for young readers in all eleven official South African languages. To find out more about Jacana titles go to [www.jacana.co.za](http://www.jacana.co.za).

Funda ibali eliyintsusa elithi, *Hayi torho!*, elishicilelwe yi-Jacana Media kwaye elifumaneka ezivenkileni zeencwadi nakwi on-line ku [www.jacana.co.za](http://www.jacana.co.za). Eli bali likwafumaneka ngesiZulu, ngesiNgesi, nge-Afrikaans, ngeSiswati, ngeSepedi, ngeSesotho, ngeSetswana, ngeXitsonga, ngeTshivenda nangesiNdebele. I-Jacana ishicilela iincwadi zabafundi abaselula ngazo zonke iilwimi ezivunyiweyo ezilishumi elinanye zaseMzantsi Afrika. Ukuze ufumane iinkcukacha ezigcweleyo ngeetayitile ze-Jacana yiya ku: [www.jacana.co.za](http://www.jacana.co.za).

© Jacana Media (South African rights only) Tel: (011 628 3200)

Nal'ibali is a national reading-for-enjoyment campaign to get people in South Africa – children and adults – passionate about telling and reading stories. For more information, visit [www.nalibali.org](http://www.nalibali.org)



INal'ibali liphulo lesizwe lokufundela ulonwabo lokwenza abantu eMzantsi Afrika – abantwana nabantu abadala – bakuthakazelele ukubalisa nokufunda amabali. Ukuze ufumane inkcazelo ebanzi, ndwendwela ku-[www.nalibali.org](http://www.nalibali.org)

# Oh no! Hayi torho!



Carole Bloch  
Nikki Jones




Drive your imagination

Fold

Ngolwesi thathu, xa avukayo uDangos, wathimla katha-thu ngokulandelayo. Intloko yakhe ibuhlungu, umqala wakhe uyarhawuzela nempumlo ivuza imifinya. "Kuzo kufuneka uhiale ngaphakathi namhlanje. Kufuneka sikukhathalele ngokukodwa xa ugula," watsho uAnti. "Hayi torho! Ndituna ukubamba oonodoli phaya emlanjeni," wakhala xa watsho uDangos.

On Friday, when Dangos woke up, she felt much better. She had no more sneezes. Her head didn't hurt, her throat didn't tickle and her nose only dripped a little. "Hmm," said Aunty, "another day inside for you." "Oh no," sighed Dangos. "I want to go fishing with Uncle."



On Monday, Dangos woke up and sneezed. "Aachoo!" Her head hurt. "Come straight home after school today," said Aunty. "You may be getting sick." "Oh no! I want to climb the marula tree today," sniffed Dangos.

Oh no!  
Hayi torho!

Fold

Fold

On Wednesday, when Dangos woke up, she sneezed three times in a row. Her head hurt, her throat tickled and her nose dripped.  
"You'll have to stay inside today. We have to take special care of you when you get sick," said Aunty.  
"Oh no! I want to make dolls at the river," moaned Dangos.



Ngolweshianu, uDangos xa avukayo, waziva engcono kakhulu. Wayengasathimili. Intloko yakhe yayingasebuhlungwanga, umpala wakhe wawungasarhawuzeleli nempumlo yakhe yayiseyithontsiza kancinci.  
"Mhmmm," watsho uAnti, "olunye usuku uhleli ngaphakathi wena."  
"Hayi torho!" watsho ngesingqala uDangos. "Ndifuna ukuya kuloba nomalume."



Fold

"I'm going to make dolls and I'm going to go fishing with Uncle," she told Aunty.

Aunty nodded and smiled.

"Ndiza kubumba oonodoli yaye ndiza kuya kuloba iintlanzi noMalume," wamxelela njalo uAnti.

UAnti wanqwala intloko encumile.

NgoMvulo uDangos wavuka ethimla. "Awutshil!" intloko yakhe ibuhlungu.

"Uze, uze ngqo ekhaya xa ubuya esikolweni namhlanje," watsho uAnti. "Kunokwenzeka uthi kanti uyagula."

"Hayi torho! Ndifuna ukunyuka emthini wemarula namhlanje," warhogela njalo uDangos.

Ngolwesibini xa avukayo uDangos waphinda wathimla. "Awutshil!" intloko yakhe ibuhlungu nomqala wakhe uyathawuzelela. "Mhmm, uze, uze ngqo ekhaya xa ubuya esikolweni namhlanje," watsho uAnti. "Hayi torho! Ndifuna ukudlala nabahlobo bam," watsho uDangos selekhohlela.



Fold

On Saturday, when Dangos woke up, she jumped up. But... "I'm sorry Dangos, you need one more day inside. Remember, we always take special care of you when you've been sick," said Auntie firmly. "Oh no!" shouted Dangos. "I have so many things to do!"

NgeCawa ngeIixa lokuvuka, watsiba uDangos. Kodwa... "Ndiluzizi Dangos, udinga olunye usuku lokuhlala ngaphakathi. Khumbula, sisoko sikukhathalela ngoku-kodwa xa uguiayo," watsho uAnti engagungqi. "HAYI TORHO!" wangxola ngoku uDangos. "Ndihezinto ezininzi endifanеле ukuzenzal!"



On Tuesday, when Dangos woke up, she sneezed again. "Aachoo!" Her head hurt and her throat tickled. "Hmmm, come straight home after school again today," said Auntie. "Oh no! I want to play with my friends," coughed Dangos.



Dangos woke her Auntie early on Sunday morning. "Today," said Dangos, "I'm going to climb the marula tree. I'm going to play with my friends." UDangos wavusa uAnti ngonyezi ngeCawe kusasa. "Namhlanje," watsho uDangos, ndiza kukhwela umthi wemarula. Ndiza kudlala nabahlobo bam."

Fold



## Get story active!

After you and your children have read *Oh no!* try out some of these ideas.

### If you have 10 minutes...

- Look closely at the pictures in the story. Can your children find Dangos in each of the pictures? What is she doing? How do they think she feels?
- Talk about the story's ending. Why are the last words "Oh no!"?
- Help older children to deepen their understanding of the story by asking them to pay attention to the details in the pictures. Ask questions such as: What are the other children in the story doing? How do you think Aunty feels on page 6?

### If you have 30 minutes...

- Ask your children to find all the animals in the pictures. Can they name them and describe what they are doing?
- Talk with your children about how they are cared for when they are sick. What is the same as in the story? What is different?
- Let your children draw real or imaginary "feeling sick" pictures. Help them to write what they want to about their pictures.

### If you have one hour...

- Fold a few sheets of paper for your children to create their own picture books about a real or imagined time in their lives when they were sick. Ask them to draw pictures. Help younger children by writing what they tell you for each picture. Let older children write on their own. Encourage your children to read their own books and to share them with others!

## Yenza ibali linike umdla!

Emva kokuba wena nabantwana bakho nifunde ibali elisihloko sithi *Hayi torho!* zamani ezinye zezi ngebiso.

### Ukuba unemizuzu eli-10...

- Jongisisa imifanekiso esebalini. Ingaba abantwana bakho bayakwazi ukufumana uDangos kumfanekiso ngamnye? Wenza ntoni? Bacinga ukuba uziva njani?
- Thethani malunga nesiphelo seballi. Kutheni amagama okugqibela esithi "Hayi torho!"?
- Nceda abantwana abadalana baliqondisise ibali ngokubacela ukuba baqwalasele iinkukacha ezisemfanekisweni. Umzekelo, benza ntoni abanye abantwana ebalini? Ucinga ukuba uAnti uziva njani kwiphepha lesi-6?

### Ukuba unemizuzu engama-30...

- Cela abantwana bakho bakhangele ukuze bafumane zonke izilwanyana ezisemifanekisweni. Bayawazi amagama azo kwaye bayakwazi ukuchaza ukuba zenza ntoni?
- Thethani malunga nokuba zikhathalelwa njani ezo zilwanyana xa zigula. Yintoni efana nasebalini? Yintoni eyohlukileyo ebalini?
- Abantwana bakho mabazobe imifanekiso yokwenene okanye imifanekiso abayiqikelelayo "yaxa beziva begula". Bancede babhale oko bafuna ukukubhala malunga nemifanekiso.

### Ukuba uneyure...


- Songa amaxwebhu ephepha ambalwa ukuze abantwana bakho bazenzele eyabo incwadi yemifanekiso malunga nexesha ababegula ngalo ebomini babo. Bacele bazobe imifanekiso. Nceda abantwana abancinane ngokubhala oko bakuxelela kona ngomfanekiso ngamnye. Abantwana abadalana mabazibhalele ngokwabo. Bakhuthaze abantwana bakho bafunde incwadi zabo kwaye babelane nabanye ngazo!

## How well do you know the Na'ibali characters?

Use the pictures to help you match Gogo, Neo and Bella to their favourite types of stories.

## Ubazi kakuhle kangakanani abalinganiswa beNa'ibali?

Sebenzisa imifanekiso ikuncede utshatise uGogo, uNeo noBella nezona ndidi zamabali bazithandayo.




Pirate stories/  
Amabali angabaphangi baselwandle

Animal stories/  
Amabali angezilwanyana

Stories about love/  
Amabali angothando

15 April is World Scrabble Day! Use these scrabble pieces to spell the name of Bella's pet dog.

Umhla we-15 kuTshazimpunzi luSuku lweHlabathi lwe-Scrabble! Ungakwazi ukusebenzisa ezi ziqwengana ze-scrabble ukupela igama lenja kaBella?



Answers: Gogo - Pirate stories; Bella - Animal stories; Neo - Stories about love; Neo - Amabali angabaphangi baselwandle; Bella - Amabali angezilwanyana; Noodle. Noodle. Noodle. Iimpendulo: Gogo - amabali angothando; Neo - amabali angabaphangi baselwandle; Bella - amabali angezilwanyana. Noodle.

## Reading club corner

Are you looking for ways to allow the children at your club to express their opinions about the books they read? Here's an idea to try. Let them fold A4 sheets of paper in half and glue them together to make "reading record" cards. Ask them to write their names at the top and to draw three columns. Each week they can write the names of the books they have read in the first column and then a rating from 1-5 to show how much they enjoyed the book. Encourage them to write the reasons for their rating in the third column.

Name of book	How much I liked it (1-5)	Reasons
--------------	---------------------------	---------

Igama lencwadi	Ndiyoniwabele Kangakanani (1-5)	Izizathu
----------------	---------------------------------	----------

Look out for this feature in future Na'ibali supplements for ideas and advice on running a reading club!

Jonga eli candelo kumahlelo alandelayo kaNa'ibali ukuze ufumane iingcebiso zokuqhuba iklabhu yokufunda!

## Ikona yeklabhu yokufunda

Ingaba ukhangele iindlela zokuvumela abantwana beklabhu yakho bavakalise iimbono zabo malunga neencwadi abazifundileyo? Nali icebo onokulizama: bavumele basonge uxwebhu lwephepha elingu-A4 kabini baze balidibanise ngegglu ukwenza amakhadi "okubhala iincwadi abazifundileyo". Bacele ukuba babhale amagama abo phezulu ephepheni baze bazobe izintlu ezintathu. Kwiveki nganye bangabhala amagama eencwadi abazifundileyo kuluhlu lokuqala baze bazinike amanqaku ukusuka kwisi-1 ukuya kwisi-5 ukubonakalisa ukuba bayonwabele kangakanani incwadi leyo. Bakhuthaze babhale izizathu zokuyinika loo manqaku bayinike wona kuluhlu lwesithathu.

Days to celebrate at your club in April

15 April World Scrabble Day

22 April Earth Day

23 April World Book Day

27 April Freedom Day

Iintsuku ezinokubhiyozelwa kwiklabhu yokufunda yakho kuTshazimpunzi

15 kuTshazimpunzi uSuku lweHlabathi lwe-Scrabble

22 kuTshazimpunzi uSuku loMhlaba

23 kuTshazimpunzi uSuku lweHlabathi lweNcwadi

27 kuTshazimpunzi uSuku lweNkululeko

## Story corner

Here is a story about a meerkat for you to read aloud or tell.

### Mini Meerkat makes a friend (Part 1) Retold by Joanne Bloch

"Mini, it's time to gather food!" said Mama Meerkat one morning. "I'm sending you somewhere new today!"

"Where?" Mini asked. Mini Meerkat loved foraging for food in exciting new places.

"Last week a tree blew over in the storm," said Mama Meerkat. "Its trunk has made a bridge over the pool at the bottom of the koppie. Go down there, cross the tree bridge and see if you can find anything good for us to eat on the other side of the pool."

Off went Mini Meerkat. Along the way, she saw Owl sitting sleepily in a tree. "Good morning, Owl," said Mini Meerkat politely.

"Good morning," said Owl. "Where are you going, all by yourself?"

"I'm going to cross over the pool to look for food," said Mini Meerkat proudly.

"Well, be careful," said Owl. "You don't have sharp claws like me!"

Mini Meerkat walked on until she saw Jackal. "Where are you off to, Mini Meerkat?" he asked.

"I'm going to look for food on the other side of the pool," Mini answered.

"Hmm, be careful," said Jackal. "You don't have sharp teeth like I do!"

Mini Meerkat hurried on towards the pool. After a while she met Rabbit. "Where are you rushing to, Mini," he drawled, as he chewed on a long blade of grass.

"I'm going to look for food on the other side of the pool," explained Mini Meerkat.

"Ooooh," said lazy Rabbit "You're brave! Aren't you scared of IT? The THING that lives in the pool!"

"I'm not scared!" said Mini and off she went. But as she drew closer to the pool, she wondered what IT was and what IT might do to her.

"I won't look down," she said to herself, when she reached the tree bridge. She made her way along it but when she reached the middle, she couldn't resist peering into the water ... and there IT was! A face peering back at her! Mini Meerkat didn't want to show how scared she was, so she pulled an ugly face ... but the THING made an ugly face too!

With her heart thumping, Mini Meerkat turned and raced back towards her home.

Find out next week how Mini deals with the THING.




Illustration by Jiggs Snaddon-Wood  
Imifanekiso nguJiggs Snaddon-Wood

## Indawo yamabali

Nali ibali elimalunga negala onokulifunda ngokuvakalayo okanye ulibalise.

### UMini Gala wakha ubuhlobo (Inxalenye 1) Libaliswa kwakhona nguJoanne Bloch

"Mini, lixesha lokuqokelela ukutya!" utshilo uMama uGala ngenye intsasa. "Ndiza kuthuma kwenye indawo entsha namhlanje!"

"Phi?" wabuza uMini. UMini Gala wayekuthanda ukukhangela ukutya kwindawo ezintsha.

"Kule veki iphelileyo isiphango sisiphule umthi," watsho uMama uGala. "Isiqu sawo senze umchankatho phezu kwequla elisezantsi kwentatyan. Yiya phaya, usebenzise umthi lowo ukuwela, ukhangele ukuba awunakufumana ukutya okumnandi ngaphesheya kwequla kusini na."

Wahamba uMini Gala. Endleleni wabona iSikhova sizozelela kumasebe omthi. "Molo Sikhova" wabulisa uMini Gala ngesimilo.

"Molo," satsho isikhova ngelizwi elozelayo. "Uyaphi uhamba wedwa nje?"

"Ndiza kuwela kweli qula ndiyokufuna ukutya ngaphesheya" watsho uMini Gala ngokuzingca.

"Kulungile, ulumke," satsho iSikhova. "Awunazinzapho ezibukhali njengezam!"

UMini Gala wahamba wade wabona uDyakalashé. "Uyaphi, Mini Gala?" wabuza uDyakalashé ngobubele.

"Ndiyokukhangela ukutya ngaphesheya kwequla," waphendula uMini Gala.

"Hmm, ulumke," watsho uDyakalashé. "Awunamazinyo abukhali njengawam!"

UMini Gala wakhawuleza ukuya ngasequleni. Emva komzuzwana wadibana noMvundla. "Ungxamele phi na, Mini?" wabuza uzekelela kuba wawusitya ingca.

"Ndiza kuwela eli qula ndiyokufuna ukutya ngaphesheya," wacacisa uMini Gala.

"Ooooh," watsho uMvundla owonqenayo "Uligorha! Akuyoyiki INTO? Laa NTO ihlala phaya equleni!"

"Andoyiki!" watsho uMini Gala, watsho eqhubeka nohambo lwakhe. Kodwa njengokuba esondela equleni, wamangala ukuba yintoni le NTO kwaye iza kumenza ntoni?

"Andizikujonga phantsi," wazithethela akufika kumchankatho. Ngokukhawuleza, watsibela emthini wachankatha kuwo. Kodwa uthe xa esesizikithini akakwazi ukuzibamba wajonga emanzini ... nantso, wayibona INTO! Wabona ubuso obumjongileyo! UMini Gala khange afune ukuzibonakalisa indlela awayesoyika ngayo, ngoko ke wazenza mbi ebusweni .... kodwa nayo le NTO yazenza mbi ebusweni!

Intliziyo yakhe yayingongoza, uMini Gala wajika wagqotsa ukuya ngasekhaya.


Funda kwiveki ezayo ukuba umelene nayo kanjani na INTO uMini.

### In your next Nal'ibali supplement:

- How to use books with children to help them explore issues and find information
- Your letters to Nal'ibali
- Storage ideas for your reading club
- Mini-book, *Who's afraid of the dark?*
- The final part of a read-aloud story, *Mini Meerkat makes a friend*

Can't wait until next week for more reading and story tips, stories and inspirational ideas? Visit [www.nalibali.org](http://www.nalibali.org) or [www.nalibali.mobi](http://www.nalibali.mobi).

Find us on your cellphone:  
[www.nalibali.mobi](http://www.nalibali.mobi)  
Sifumane kwiselula yakho:  
[www.nalibali.mobi](http://www.nalibali.mobi)



### Kuhlelo lwakho olulandelayo lweNal'ibali:

- Ungazisebenzisa njani iincwadi nabantwana ukuze ubancede baphonononge imiba ethile ze bafumane nolwazi abalufunayo.
- Iileta eziya kumhleli kaNal'ibali
- Iingcebiso ngokugcina izinto kwiklabhu yokufunda yakho
- Incwadana encinane, *Ngubani Owoyika ubuMnyama?*
- Inxalenye yokugqibela yebali elifundwa ngokuvakalayo elisihloko sithi, *UMini Gala wakha ubuhlobo*

Ingathi ayisafiki iveki elandelayo ukuze ndifumane ezinye iingcebiso ngamabali, amabali amatsha neembono ezikhuthazayo ngokufunda nezamabali. Ndwendwela ku-[www.nalibali.org](http://www.nalibali.org) okanye u-[www.nalibali.mobi](http://www.nalibali.mobi).

